



URhulumente  
weNtshona Koloni  
**NGOWAKHO**



ISebe looRhulumente baseMakhaya

**Ingxelo YaRhoqo ngoNyaka**  
2022/23



# Ingxelo YaRhoqo ngoNyaka 2022/23

**ISEBE loRhulumente  
baseMakhaya/wengingqi  
URhulumente weNtshona  
Koloni**

**Vote 14**

## ICANDELO A: ULWAZI (OLUPHANGALELEYO) GABALALA 5

1.	Ulwazi oluphangaleleyo lwe(nge)Sebe	6
2.	Ushunqulelo	7
3.	Intshayelelo nguMphathiswa	9
4.	Isishwankathelo liGosa elinoXanduva/ elinika ingxelo	11
5.	Inkcaza Yothatho xanduva nobungqina bokuchaneka kwengxwelo le yarhoqo ngonyaka	15
6.	Amagqabantshinths anobuchule	16
6.1	Umbono	16
6.2	Umsebenzi	16
6.3	Iziseko zombono	16
6.4	Umthetho kunye nezinye iziGunyaziso	16
6.4.1	Izigunyaziso zoMgaqo-siseko	16
6.4.2	Izigunyaziso zoWiso-mthetho	17
6.4.3	Eminyane imithetho karhulumente wengingqi	19
6.4.4	Imithetho enqamlezileyo	19
6.4.5	Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo woRhulumente weNgingqi	20
6.4.6	Ezinye izigunyaziso zomgaqo-nkqubo	20
6.5	Ubume boMbuthe	21

## ICANDELO B: ULWAZI NGENTSEBENZO 23

1.	INGxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: iinNjongo eziMiselwe kwangaphambili	24
2.	Amagqabantshintshi ngomsebenzi wesebe	24
2.1	Imekobume yoNikezelo lweeNkonzo	24
2.2	Isicwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo	27
2.3	Imekobume yoMbuthe	28
3.	Inkqubela phambili ekuphumezeni ekojoliswe kuko kwakunye nendima/ iziphumo zesebe	29
4.	Ulwazi ngentsebenzo yenkqubo yeziko	31
4.1	Inkqubo1: Ulawulo	31
4.2	Inkqubo12: Ulawulo lweNdawo/Uburhulumente bengingqi	32
4.3	Inkqubo1 3: Uphuhliso noCwangciso	44
4.4	Ukudluliselwa kweeNtlawulo/yokuthunyelwa	52
4.5	Iigranti ezinemiqathango kunye neemali ezibekelwe bucala ezifunyenweyo	60
4.6	Iigranti ezinemiqathango kunye neemali ezibekelwe bucala ezihlawulweyo	63
4.7	Iimali zabaxhasi	63
4.8	Isicwangciso solawulo lwempahla(asethi), uhlaziyo/ kugcinwa notyalo zixhobo/zimpahla zokusebenza	63

## ICANDELO C: ULAWULO 65

1.	Intshayelelo	66
2.	Ulawulo lomngcipheko	66
3.	Uboqhophololo norhwaphilizo	69
4.	Unciphiso lokukhabana kwezimvo	69
5.	Indlela yokuziphatha	70
6.	IssuesUkhuseleko lwempilo nemiba yokusingqongileyo	70
7.	Izisombululo zeScopa	70
8.	Uphuculo/ guqulwa lwa(kwa)ngaphambili kwingxelo yezophicoho	72
9.	Uphicotho lwangaphakathi nekomiti yalo	72
10.	IYunithi yolawulo lwangaphakathi	73
11.	Ingxelo yekomiti yezophicotho	73
12.	Ulwazi lokusebenza kuthotyelwa i B-BBEE	75

## ICANDELO D: ULAWULO LWEZENGQESHO

1.	Intshayelelo	77
2.	Ubume bolawulo lwabantu kwisebe	78
2.1	Ucwangciso lwabasebenzi besebe	78
2.2	Ulawulo lwentsebenzo yabasebenzi	79
2.3	Impilo -ntle yabasebenzi	79
2.4	Ukubekwa kweso kulawulo lwabantu	79
3.	Ubalo oluvelele ulawulo lwabantu	80
3.1	Usetyenziso mali olwayamene nabasebenzi	80
3.2	Uqesho nezithuba zemisebenzi	83
3.3	Uvandlakanyo lomsebenzi	84
3.4	Utshintsho kwingqesho	86
3.5	Ulingano kwingqesho	91
3.6	Utyikityo lwesivunmelwano sokusebenza ngamalungu eSMS	97
3.7	Ukugcwaliswa kwezithuba ze SMS	98
3.8	Ukuzimisela kwabasebenzi	100
3.9	Abasebenzi bamanye amazwe	102
3.10	Usetyenziso lwekhufu (leave) kwisithuba 1 January 2022 ukuya ku 31EyoMnga 2022	103
3.11	Iinkqubo ezikhuthaza impilo, kuqukwa neze HIV & AIDS	106
3.12	Ubudlelwane babasebenzi	109
3.13	Uphuhliso lwezakhono	110
3.14	Ukwenzakala emsebenzini	112
3.15	Ukusetyenziswa kwabacebisi (Consultants)	113

## ICANDELO E: INGXELO YOKUTHOTYELWA KWE PFMA

1.	Inkcitho engaqhelekanga	117
2.	Inkcitho engenanzuzo neyilahleko	120
3.	Inkcitho engagunyaziswanga	121
4.	Ukungahlawulwa kunye/okanye ukuhlawulwa emva kwexesha kwababoneleli	123
5.	Ulwazi kulawulo lwekhonkco lonikezelo	123

## ICANDELO F: ULWAZI NGEZEZIMALI

Ingxelo Yegosa Elilawulayo	125
Ingxelo Yekomiti Yokuphicotha	127
Ingxelo Yomphicothi Ngokubanzi	130
Ingxelo Yokufaneleka	131
Amanqaku Engxelo Yokufanelekela	138
Ingxelo Ngendlela Ekuqhutywe Kwezezimali	144
Ingxelo Ngesikhundla Sezezimali	147
Ingxelo Ngotshintsho Kwiaseth Ezikhoyo	148
Ingxelo Yokusetyenziswaa Kwemali	149
Amanqaku Eengxelo Zemali Zonyaka (kuquka iiPolisi Zobalo)	150
Izihlomelo	151
	182



ICANDELO



**ULWAZI  
GABALALA**

## 1. Ulwazi gabalala ngesebe

URhulumente weNtshona Koloni: URhulumente Wengingqi  
Private Bag X9076  
80 St. George's Mall  
Waldorf Building  
Cape Town  
8 000

Tel: 021 483 8986  
Fax: 021 483 0632  
Albert.Dlwengu@westerncape.gov.za  
<http://www.westerncape.gov.za>



## 2. Amagama ashunqulelekayo (Ushunqulelo)


<b>AGSA:</b>	Umphicothi zincwadi jikelele waseMzantsi Afrika (Auditor-General of South Africa)
<b>AO:</b>	Igosa elinika ingxelo/elinoxanduva (Accounting Officer)
<b>APP:</b>	Isicwangciso sokusebenza sarhoqo ngonyaka (Annual Performance Plan)
<b>BAS:</b>	Inqubo esisiseko yobalo mali (Basic Accounting System)
<b>CDW:</b>	Umsebenzi Wophuhliso Loluntu (Community Development Worker)
<b>CSC:</b>	Iziko lenkonzo yequmrhu (Corporate Service Centre)
<b>CWP:</b>	Inqubo Yomsebenzi Woluntu (Community Work Programme)
<b>D: ERM:</b>	Icandelo: Ulawulo lomngcipheko wezoshishino (Directorate: Enterprise Risk Management)
<b>DCF:</b>	I-Foramu yolungelelaniso lwesithili (District Co-ordinating Forum)
<b>DCFTECH:</b>	Ikomiti enobugcisa yeforamu yokulungelelaniswa kwesithili (District Co-ordinating Forum Technical Committee)
<b>DCOG:</b>	Isebe lokusingqongileyo nocwangciso lophuhliso (Department of Environmental Affairs and Development Planning)
<b>DEADP:</b>	Isebe lemicimbi yokusingqongileyo kunye nocwangciso lophuhliso (Department of Environmental Affairs and Development Planning)
<b>DM:</b>	Umasipala wesixeko (District Municipality)
<b>DORA:</b>	Umthetho wolwahlulo lwengeniso (Division of Revenue Act)
<b>DPSA:</b>	Isebe leenkonzo zoluntu nolawulo (Department of Public Service and Administration)
<b>EAP:</b>	Inkqubo yokuxhasa abasebenzi (Employee Assistance Programme)
<b>EE:</b>	Ulingano lwezengqesho (Employment Equity)
<b>EH:</b>	Ukhuseleko lwezempilo yabasebenzi (Employee Health)
<b>EHP:</b>	Inkqubo yezakhiwo ezingxamisdekileyo (Emergency Housing Programme)
<b>EHWP:</b>	Inkqubo yezempilo kunye nempilo yabasebenzi (Employee Health and Wellness Programme)
<b>EPWP:</b>	Inqubo yezempilo kunye nempilo yabasebenzi (Expanded Public Works Programme)
<b>ERM:</b>	Ulawulo lomngcipheko weshishini (Enterprise Risk Management)
<b>ERMCO:</b>	Ikomiti yolawulo lomngcipheko weshishini (Enterprise Risk Management Committee)
<b>FFA:</b>	Inqwelo moya yokulwa nomlilo (Fire Fighting Aviation )
<b>FLSE:</b>	Imfundo ngobomi nokhuseleko kumlilo (Fire and Life Safety Education)
<b>GCIS:</b>	Iinkonzo zoxibelelwano kunye nolwazi lukarhulumente (Government Communications and Information Services)
<b>GEHS</b>	Inkqubo yezindlu eziqeshwa nguRhulumente (Government Employment Housing )
<b>GPSSBC:</b>	Ibhunga leengxoxo zecandelo likarhulumente jikelele (General Public Service Sector Bargaining Council)
<b>HAT:</b>	Uqeqesho olumaandla (High Altitude Training)
<b>HIV/AIDS:</b>	Intsholongwane ye HIV/AIDS (Human Immunodeficiency Virus/Acquired Immune Deficiency Syndrome)
<b>HR:</b>	Ezengqesho (Human Resources)
<b>HRDC:</b>	Ikomiti yophuhliso lwabasebenzi (Human Resource Development Committee)
<b>ICASA:</b>	Ugunyaziwe wonxibelelwano ozimeleyo waseMzantsi Afrika (The Independent Communications Authority of South Africa)
<b>ICDP:</b>	Integrated Community Development PlanningUcwangciso lophuhliso oludibeneyo loluntu (Integrated Community Development Planning)
<b>ICT:</b>	Information and Communications TechnologyIteknoloji yonxibelelwano nolwazi (Information and Communications Technology)
<b>IESBA</b>	Imigangatho yezizwe ngezizwe yokuzimela (International Independence Standards)
<b>IWP</b>	Isicwangciso somsebenzi odibeneyo seNtshona Koloni (Western Cape Integrated Work Plan)
<b>IDP:</b>	Isicwangciso sophuhliso esidibeneyo (Integrated Development Plan)
<b>IFM:</b>	Ulawulo lomlilo oludibeneyo (Integrated Fire Management)
<b>IGR:</b>	Ubudlelwane phakathi kooRhulumente (Intergovernmental Relations)
<b>IPSS:</b>	Inkqubo yenxaso yokusebenza edibeneyo (Integrated Performance Support System)
<b>ISAs</b>	Imigangatho yehlabathi yophicotho (International Standards on Auditing)
<b>ISDF:</b>	Inkqubo sisekelo yophuhliso olunobuchule noludibeneyo (Integrated Strategic Development Framework)
<b>JDMA:</b>	Indlela edibeneyo yesithili neMetro (Joint District and Metro Approach)
<b>LRA:</b>	Umthetho wobudlelwane babasebenzi Act, 1995 (Act 66 of 1995) (Labour Relations Act, 1995 (Act 66 of 1995))
<b>M&amp;E:</b>	Ukubekwa kwe so novavanyo (Monitoring & Evaluation)

<b>MCS</b>	Imigangatho yemali elungisiweyo (Modified Cash Standard)
<b>MEC:</b>	Illungu lebhunga lesigqeba (Member of Executive Council)
<b>MIG:</b>	Isibonelelo seziseko zophuhliso zikamasipala (Municipal Infrastructure Grant)
<b>MINMAY:</b>	Iforamu yomphathiswa wephondo kuburhulumente bengingqi noosodolophu abalawulayo (Forum of Provincial Minister of Local Government and Executive Mayors)
<b>MINMAYTECH:</b>	Iforamu yentloko yesebe: urhulumente wengingqi kunye nabaphathi bakamasipala (Forum of Head of Department: Local Government and Municipal Managers)
<b>MoU</b>	Imemorandum yokuqonda (Memorandum of Understanding)
<b>MPRA:</b>	Umthetho wentlawulo yeProphati kamasipala Act, 2004 (Act 6 of 2004) (Municipal Property Rates Act, 2004 (Act 6 of 2004))
<b>MSA:</b>	Umthetho wenkqubo kamasipala Act, 2000 (Act 32 of 2000) (Municipal System Act, 2000 (Act 32 of 2000))
<b>MTEF:</b>	Inkqubo sisekelo yosetyenziso mali kwixa eliphakathi (Medium Term Expenditure Framework)
<b>NDMC:</b>	Iziko lolawulo lwentlekele lelizwe (National Disaster Management Centre)
<b>NEMA:</b>	Umthetho welizwe wolawulo lokusingqongileyo Act, 1998 (Act 107 of 1998) (National Environmental Management Act, 1998 (Act 107 of 1998))
<b>NTPSRMF:</b>	Umgqo nkqubo wolawulo lwentlekele kanongxowa welizwe wecandelo lasesidlangalaleni (National Treasury Public Sector Risk Management Framework)
<b>OD:</b>	Ukuyilwa kwesebe (Organisational Design)
<b>OPMS:</b>	Inkqubo yolawulo lwentsebenzo yesebe (Organisational Performance Management System)
<b>OSD:</b>	Ixesha elithile lomsebenzi (Occupation-Specific Dispensation)
<b>PAIA:</b>	Umthetho okhuthaza ukufikeleleka kolwazi Act, 2000 (Act 2 of 2000) (Promotion of Access to Information Act, 2000 (Act 2 of 2000))
<b>PAJA:</b>	Ukukhuthazwa komthetho wobulungisa kwezolawulo Act, 2000 (Act 3 of 2000) (Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (Act 3 of 2000))
<b>PCF:</b>	Iforum yokulungelelanisa yenkulumbuso (Premier's Co-ordinating Forum)
<b>PDMC:</b>	Iziko lolawulo lwentlekele lephondo (Provincial Disaster Management Centre)
<b>PERMPS:</b>	Icebo nomgaqo-nkqubo phondo wolawulo lomngciheko weshishini (Provincial Enterprise Risk Management Policy and Strategy)
<b>PFMA:</b>	Ulawulo mali lwasesidlangalaleni Act, 2003 (Act 56 of 2003) (Public Financial Management Act, 2003 (Act 56 of 2003))
<b>PILIR:</b>	Umgqo nkqubo wekhefu emsebenzini nomhlala-phantsi ngenxa yempilo (Policy on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement)
<b>PMS:</b>	Inkqubo yolawulo lwentsebenzo/ izinga lokuzimisela (Performance Management System)
<b>PSCBC:</b>	Ibhunga lengxoxo zeenkondo zoluntu (Public Service Co-ordinating Bargaining Council)
<b>RDP:</b>	Inkqubo yokwakha ngakutsha nophuhliso (Reconstruction & Development Programme)
<b>SALGA:</b>	Umbutho woorhulumente bengingqi eMzantsi Afrika (South Africa Local Government Association)
<b>SANS</b>	Imigangatho yesizwe yaseMzantsi Afrika (South African National Standards)
<b>SAPS:</b>	Inkondo zamaPolisa eMzantsi Afrika (South African Police Services)
<b>SASSA:</b>	I-arhente yokhuseleko loluntu yeseMzantsi Afrika (South African Social Security Agency)
<b>SCM:</b>	Ulawulo lwekhonkco lonikezelo (Supply Chain Management)
<b>SDBIPs:</b>	Uhanjiso lweenkonzo nezicwangciso zomiselo bhajethi (Service Delivery & Budget Implementation Plans)
<b>SDIP:</b>	Isicwangciso sophuhliso nikezelo-nkonzo (Service Delivery Improvement Plan)
<b>SHE:</b>	Ukhuseleko, impilo nokusingqongileyo (Safety, Health and Environment)
<b>SIU:</b>	Icandelo lophando olulodwa (Special Investigations)
<b>SLA:</b>	Isivumelwano somgangatho weenkondo (Service Level Agreement)
<b>SMMEs:</b>	Ishishini elinci buphakathi nelincinci (Small Medium and Micro Enterprises)
<b>SMS:</b>	Inkondo yolawulo oluphezulu (Senior Management Service)
<b>SoE:</b>	Ishishini likarhulumente (State-owned Enterprises)
<b>Stats SA:</b>	Izibalo eMzantsi Afrika (Statistics South Africa)
<b>TIME</b>	Uthethathethwano lukamasipala oludibeneyo lunobugcisa (Technical Integrated Municipal Engagement)
<b>UIF:</b>	Ingxowa mali ye-inshurensi yokungaphangeli (Unemployment Insurance Fund)
<b>WCG:</b>	Urhulumente weNtshona Koloni (Western Cape Government)
<b>WP:</b>	Inkqubo yempilo (Wellness Programme)
<b>WSP:</b>	Isicwangciso sezakhono zendawo yokusebenzela (Workplace Skills Plan)
<b>WCMES:</b>	Inkqubo yeNtshona Koloni yokubeka esweni nokuvavanya (Western Cape Monitoring and Evaluation System)
<b>WWTWs</b>	Imisebenzi yokucoca amanzi amdaka (Waste-Water Treatment Works)

### 3. Intshayelelo yoMphathiswa

Unyaka ophantsi kovavanyo ubone iLizwe lijongene neziphumo zokusilela kweziseko ezingundoqo. Ucimicimi wombane oqhubekayo uthathe iiyure ezininzi, isenza isoyikiso kuqoqosho olwalusendleleni yokubuyela kwimeko entle emva kweziphumo ezibi zobhubhani we-COVID-19, ngaxeshanye, iphazamisa ubomi babemi. Oomasipala abatholanga sabelo sikhulu njengoko inxalenye enkulu yengeniso yabo ivela kwiintengiso zombane. Eyona nto ethe yaxhalabisa kakhulu ibeyimpembelelo yokumka kombane ixesha elide kubonelelo ngeenkono ezisisiseko zikamasipala ezifana nogutyulo lwelindle namanzi njengoko ukufakelwa kweziseko ezingundoqo kusetyenziswa umbane. Ifuthe elimandla lokucinywa kombane kubonelelo lweenkono ezisisiseko kufuna ingqalelo ekhawulezileyo nengxamisekileyo. Ngegunya leSebe lokuxhasa nokomeleza amandla oomasipala ukuze bafezekise uxanduva lwabo, amalinge aliqela enziwe ngenjongo yokunceda oomasipala ukuba balawule kwaye banciphise ifuthe lokucikwa kombane ixesha elide ekunikezelweni kweenkono ezisisiseko. Oku kubandakanya, phakathi kwezinye izinto, uncedo ngeenkono zengcebiso zobugcisa, uphuhliso lwezicwangciso-qhinga zokusabela, uvavanyo lobuxhaka-xhaka kwizakhiwo ezingundoqo ezikhoyo, kunye nokuququzelela intsebenziswano ekufuneni izisombululo ezizinzileyo. Njengenyathelo elikhawulezileyo, iSebe lam lixhase oomasipala ngokuthengwa kweejenereriyitha ukuqinisekisa ukusebenza okuqhubekayo kumaziko okucocwa kwamanzi amdaka kunye neendawo zokugcina amanzi

Emva konyulo loorhulumente basekhaya lowama-2021, iSebe lam kunye namahlakani aphambili, li(a)xhase ze laxhobisa ooceba bomasipala abakhokelwayo, ukuze bafezekise izibophelelo zabo zokongamela. Olunye ubambiswano olubaluleke ngolo hlobo, yintsebenziswano yethu neHanns Seidel Foundation. Phantsi koku buhlakani, ooceba baye baxhotyiswa kwiinkalo ezahlukeneyo ezifana nemigaqo yokuziphatha, iinqobo ezisemgangathweni zobuqu kunye nokuxhobisa oomasipala ngezixhobo eziyimfuneko ukuze kwandiswe ubuchule, ulawulo kunye nokusebenza kakuhle. ISebe lithe laqhuba uQeqesho loBuchule obuncinci bukaMasipala kooceba abangama-20, kugxilwe okokuqala kwiKomiti yee-Akhawunti zoLuntu kaMasipala, amalungu eKomiti kaSodolophu kunye nooSihlalo bePotfoliyo kubo bonke oomasipala baseNtshona Koloni. Injongo ibikukuphakamisa ulwazi kunye nezakhono kooceba ukuze bafezekise indima yabo yokongamela nokuphucula iziphumo zophicotho-zincwadi.



*Mnu AW Bredell*

Ukuphendula ngendlela eyiyo nangokungxamisekileyo, urhulumente kufuneka abaqonde abemi kunye neemfuno zabo. Ayinakuphikiswa into yokuba, ukuze abemi bathathe inxaxheba ngokunentsingiselo, kufuneka baxhotyiswe ngolwazi lokuthatha inxaxheba ngokubonakalayo kwaye bongeze ixabiso kwimicimbi yolawulozidolophu/rhulumente wengingqi. Isebe kwiminyaka edlulileyo, ngeNkqubo yeMfundo yoLuntu, liye lagqiba ekubeni lixhobise uluntu ngolwazi olungahlelanga kumalungelo alo kuphela kodwa nolwazi ngoxanduva lwalo ekulukungeni iinkqubo zokwenziwa kwezigqibo zikamasipala.

INkqubo yeThusong iyaqhubeka ukuba yinkqubo ephambili yeSebe ekuqhubeni amalinge ngamalinge okuphucula impembelelo entle yezoqoqosho kuluntu. Indawo kunye nemodeli yenkqubo iqhubekile ukubonelela ngethuba lokusekwa kwentsebenziswano phakathi kukarhulumente necandelo labucala elibandakanya intsebenziswano phakathi kwamasebe karhulumente kunye necandelo labucala kwiiprojekthi zokuphucula ubomi babemi beli phondo. Obu buhlakani/ntsebenziswanobe(ye)nze ukuba iSebe liphumeze amathuba awohlukeneyo okuxhotyiswa nophuhliso lolutsha, ukwakiwa kwamaziko asebenzayo asebenza ngesathelayithi ngokunjalo nokulungela umsebenzi, ukuqeshwa, ukufikelela kwikhondo lomsebenzi kunye nemisitho yolwazi jikelele. Ngonyaka

Ile nkqubo yenze ukuba iinkonzo zikarhulumente eziyimfuneko ezingaphezulu kwe-1.3 million zinikwe uluntu. Ngokukhuthaza intsebenziswano namasebe karhulumente kuwo onke amanqanaba, icandelo labucala, uluntu kunye neeNGOs, ndikholelwa ukuba ukuhanjiswa kweenkonzo akuyi kukhuselwa kuphela koko kunokukhawuleziswa. ISebe lam lenze iinzame ezixabisekileyo ngasekuphumezeni ngokuyimpumelelo iiprojekthi ngendlela apha yentsebenziswano. Ukulandela ukuqinisekiswa kwayo yiForam yoLungelelaniso yeNkulumbuso kunye neKhabhinethi yeNtshona Koloni, iNdlela eDityanisiweyo yeSithili neMetropolitan (JDMA) iphunyezwe ngempumelelo kwiPhondo liphela. I-JDMA isekelwe kwintsebenziswano kumanqanaba ahlukeneyo karhulumente kujongano oluthe nkqo noluthe tye. Ukuza kuthi ga ngoku, inani leeprojekthi ezijolise kubemi ziphelelelwe kwiPhondo liphela ukuphucula ubomi babantu nokuphucula amava abo okuphila..



**Mnu AW Bredell**  
**Umpathiswa kaRhulumente wasekhaya ,**  
**Imiba ngokusingqongileyo nocwangciso lophuhliso**  
**31 EyeThupha 2023**

## 4. Ingxelo yeGosa elinoXanduva

Ngaphandle kwentaphane yemingeni eqhubekayo, iSebe liqhubekile ukuba lelona Sebe liqhuba kakuhle kwiPhondo.

Le ngxelo yingxelo yendlela eliqhube ngayo iSebe kunyakamali ka-2022/23, apho siye saphumelela i-97% ngokwezalathisi ezicwangcisiweyo. Okunye okuqaphelekayo, luluvo lophicotho-zincwadi olungenachaphaza lwesihlandlo seshumi kwezilandelelanayo ngaphandle kokuhlatywa amahlongwane elithe lafunyanwa liSebe kuphicotho luka 2022/23 nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika. Ngenxa yezi mpumelelo ndivakalisa umbulelo kwiqela labalawuli kunye nabasebenzi abasebenze ngokuzinikela nangamandla ndixela naphantsi kweemeko ezinzima ukuqinisekisa ukuba iSebe liyawenza umsebenzi walo. Ndikwabulela amaqabane ethu ebesoloko ekulungele ukunikezela ngenkxaso yawo xa ecelwa ukuba enze njalo.

Ukuba kukho nantoni na ekufuneka esikhumbuze ngayo ucimi-cimi wombane kukuba, utyalo-mali kwiziseko ezingundoqo lusame njengento ephambili ekunikezelweni kweenkonzo, ukukhula nophuhliso.. Inkqubo yoPhuhliso lweZiseko eziZinzileyo kunye neNkqubo yeZibonelelo ngeMali ephunyezwe liSebe ngenkxaso evela kuRhulumente waseFransi ngeAgence Française de Développement ilungiselelwe ukunika izisombululo kwimingeni yeziseko ezingundoqo abajongene nayo oomasipala, njengoko iphonononga iindlela ezizezinye zokuxhasa ngemali uphuhliso lweziseko ezingundoqo. Inkqubo le ijolise ekukhuthazeni indlela eyandisiweyo edityanisiweyo yophuhliso lweziseko zophuhliso zikamasipala esekwe kwimithetho-siseko elungelelanisiweyo nezinzileyo, equka ulawulo olufanelekileyo olubalulekileyo ukuxhasa ngemali ngokuyimpumelelo kweeprojekthi neenkqubo ezichongiweyo ukuze ziphuhliswe.

Ngokukhokelwa zizifundo ezifunyenweyo ngexesha lembalela efunyenwe kwiPhondo, uRhulumente weNtshona Koloni uphuhlise isiCwangciso esiHlangeneyo seMbalela kunye nokuSabelana naManzi seminyaka eli-15. Isicwangciso sinikezela ngeenkukacha zoncendo kunye nenkxaso koomasipala ukuze baphucule ukomelela kwamanzi ngokwandisa unikezelo lwamanzi, ukuphuculwa kwezakhiwo, ulawulo lomthombo wamanzi kunye nolawulo lwemfuneko yamanzi kwiPhondo liphela. Esi sicwangciso siye saphuculwa nge-Water Indaba kunye ne-Innovation eyabanjwa ukunika ithuba kurhulumente wephondo, oomasipala, kunye nabachaphazelekayo ukuba babonise amaqhinga kunye neenkqubo ezikhoyo kunye nokuqinisekisa ukhuseleko lwamanzi kwiphondo. Oku kuye kwancediswa ngamagalelo



Mnu Graham Paulse

ngamagalelo eengcaphephe ezivela kwizifundiswa nakwicandelo labucala..

Ubungqina zizehlo zeentlekele ezahlukeneyo kweli lizwe, kodwa lona uguquko lwemozulu luza neentlekele ezixhaphakileyo nezimbi.. Oku kufuna ukuba urhulumente akhusele abemi, ekhomba ukubaluleka kolungelelwaniso kunye nocwangciso lwamacandelo amaninzi ajolise ekwakheni iziseko ezingundoqo ezilungele ukuphepha umngcipheko. Njengenzame zokuqinisa ukomelela kunye nokunciphisa umngcipheko wentlekele ukuya kucwangciso lophuhliso, iSebe liphuhlise iziKhokelo zoCwangciso lokuNcitiswa kweNtlekele ngenkqubo yokubonisana nabachaphazelekayo abaninzi. Oku kuyakube kubonelela ngesikhokelo ekuqinisekiseni ukuba ucwangciso lophuhliso luyithathela ingqalelo ingozi yentlekele kwaye lunike umkhombandlela ngendlela yokudibanisa ulwazi lomngcipheko ukuveza iiprojekthi zeziseko zophuhliso.

Ukuhanjiswa kwenkonzo ukuze kuxhamle abantu beli phondo ayingomsebenzi woomasipala bodwa, luxanduva lukaRhulumente weSizwe, uRhulumente wePhondo, icandelo labucala kunye noluntu. Ngokusetyenziswa kwamaqonga obudlelwane phakathi koorhulumente, iSebe liza kuqhubeka ukukhokela amalinge kumgangatho weqhinga/cebo nowokusebenza ukukhulisa imeko evumela intsebenziswano nokubeka phambili ukuhanjiswa kwenkonzo okukhawulezileyo.



## Ii-Risiti zesebe

	2022/2023			2021/2022		
	Uqikelelo	Amali eqokelelweyo ngokuchane-kileyo	Eqokelewe kwadlulwa/kwamiwa ngeneno	Uqikelelo	Amali eqokelelweyo ngokuchane-kileyo	Eqokelewe kwadlulwa/kwamiwa ngeneno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzelo ngaphandle kwempahla(asethi) zoshishino	100	118	(18)	96	112	(16)
Imali yokuthunyelwa efunyenweyo	-	-	-	-	-	-
Imidliwo-mali, nezigwebo	-	-	-	-	-	-
Inzuzo, isabelo, netlawulo yokuhlala emhlabeni (rent)	-	-	-	-	-	-
Intengiso yempahla yokusebenza	-	42	(42)	-	-	-
Intengiselwano ngemali kwimpahla namatyala	9	5 418	(5 409)	13	6 701	(6 688)
<b>Epheleleyo</b>	<b>109</b>	<b>5 578</b>	<b>(5 469)</b>	<b>109</b>	<b>6 813</b>	<b>(6 704)</b>

## Usetyenziso mali/nkcitho lwe(ye)sebe

	2022/2023			2021/2022		
	Ebekelwe bucala/lwabiwo iphelele	Esetyenzisiweyo/ nkcitho echanekileyo	Esetyenziswe kwadlulwa/kwamiwa ngeneno	Ebekelwe bucala/lwabiwo iphelele	Esetyenzisiweyo/ nkcitho echanekileyo	Esetyenziswe kwadlulwa/kwamiwa ngeneno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Inkqubo 1: Ulawulo	54 499	52 933	1 566	52 254	50 589	1 665
Inkqubo 2: Uburhulumente bengingqi (khaya)	168 569	159 714	8 855	208 372	200 120	8 252
Inkqubo 3: Ucwangciso nophuhliso	165 366	163 354	2 012	82 019	79 762	2 257
Inkqubo 4: Ulawulo lwamaziko emveli	478	-	478	1	-	1
<b>Isibonelelo sisonke</b>	<b>388 912</b>	<b>376 001</b>	<b>12 911</b>	<b>342 646</b>	<b>330 471</b>	<b>12 175</b>

## IINDLELA ZENKCITO

Ulwabibowo lokugqibela lwesebe likarhulumente wengingqi lufikelela ku R388.912 yezigidi (million) kwaye inkcitho eyenziweyo lisebe lorhulumente wengingqi (DLG) ifikelela ku R376.001 yezigidi (million) xa kungu 31 March 2023, lento ibonisa usetyenziso mali olungenenon nge R12.911 yezigidi ethe yashiyeka njengoko yayamene noku kulandela:

### Ukuhlawulwa kwabasebenzi

- Olu londolozo lubangelwe lulibaziseko ekuzalisweni kwezithuba ezingundoqo ezingenabantu kunye nokuqeshwa kwabasebenzi ukomeleza amandla angaphakathi kwiSebe ukuze bakwazi ukunika inkxaso koomasipala, ukuxhasa isicwangciso somlilo seSebe ngokunjalo nokunceda ngophando, umgaqo-nkqubo nophuhliso lomthetho kunye neenkonzole zenkxaso kumabhunga emveli (inkxaso-mali ebekelwe bucala).

### Iimpahla kunye neenkonzole

- Inkcitho engeneno inxulumene neTeknoloji yoLwazi (IT) ethengiweyo kunyaka-mali ka-2022/23, kodwa ngenxa yokulibaziseka, ababoneleli abakwazanga ukuhambisa izixhobo nge-31 Matshi (Kwindla)2023. Ngaphezu koko, isixa-mali esingasetyenziswanga kwiiMpahla neenkonzole sinxulumene noku kulandelayo:
  - Iiprojekthi ezininikeleyo zoQeqesho loBuchule Bokusebenza bukaMasipala (MMC) zooCeba bakamasipala, iphulo Lekomiti Yokwazi iwadi yakho nophando kwiiprojekthi zezakhono ezingqabileyo nezibalulekileyo eziphuma kwizicelo ezifunyenwe koomasipala zenkxaso yephondo ekusombululeni ngokufanelekileyo izakhono ezingqabileyo nezibalulekileyo ngaphakathi kumasipala;
  - Iiprojekthi ezixhaswa ngemali evela kwinkxaso-mali ebekelwe bucala (ephawuliweyo), njengeyo kutyumba umboneleli-nkonzo ukuba aqhube uYilo ngokutsha loMbutsho ukulawula ubume beMicimbi yaBasebenzi koomasipala (ungenelelo olubekelwe uMasipala ) kunye neenkqubo zothotyelo zangaphakathi eziye zalibazisa ukuqaliswa kweenkqubo zeSCM ezifanelekileyo zeSiseko esiZinzileyo. Iiprojekthi yoPhuhliso kunye neZibonelelo zeMali (i-SIDAFF iphawulwe);

- Iiprojekthi ezinxulumene nokutyumba umniko-nkonzo oza kuvavanya uThatho-nxaxheba loLuntu kooMasipala beeNgingqi abangama-24 kunye ne-1 Metropolitan kwiPhondo kunye nokushicilelwa kwezicelo zethala leencwadi lomthetho ezisuka koomasipala (imali ebekelwe bucala/ phawuliweyo kuRhulumente weNgingqi wesithuba sasemva ko-2021); kwaye
- Kufakwe isicelo sokugqithiselwa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo (Provincial Treasury) (PT) ukuxhasa umsebenzi lowo kunyaka-mali ka-2023/24 kwaye intsalela yezinto ezingasetyenziswanga kwiiMpahla neenkonzole iya kunikezelwa kwiNgxowa-mali yeNgeniso yePhondo (PRF).

### Oomatshini kunye nezixhobo

- Inkcitho/setyenziso mali e(olu)nganeno kwiNtlawulo yee-asethi ezinkulu inxulumene nezinto ezithengwe ngonyaka-mali ka-2022/23 ze-IT nezixhobo zeofisi, kodwa ngenxa yokulibaziseka, abaniki-nkonzo abakwazanga ukuzisa izixhobo nge-31 Matshi 2023. ISebe lingenise isicelo sokugqithiselwa/ weza izibophelelo ezingekenziwa.

### Udluliselo/Ugqithiso

ISebe lisebenzise intlawulo yangaphakathi esuka kulondolozo ukuhlawulela inkcitho engaphezulu/ dluleleyo ikakhulu kwezi zilandelayo:

- Inkqubo 2 imali eyongezelelweyo eyabelwe inkxaso-mali yoxinzelelo oluye lwenziwa ngenxa yamatyala; ne
- Inkqubo yesi-3 imali eyongezelelweyo eyabelwe inkxaso yomlilo yasemoyeni (Aerial fire support) ukuze kugcinwe ukusabela okwaneleyo kwimililo elinani elikhulu ethe yabakho ngexesha lemililo kwiPhondo kunyaka-mali ka-2022/23.

Ukutshintshelwa kwezinye iindawo kwaqhutywa ngokwezikhokelo ze-PT.

### iNtsebenziswano zikaRhulumente zaBucala

- A/N (Akukho Nto)

### Imisebenzi emitsha okanye engundoqo ecetywayo:

- A/N

**ULAWULO LWEKHONKCO LONIKEZO**

1. **Uluhlu lwezindululo zezicelo ezingacelwanga eziqunjelwe kunyaka esingaye**
  - Akukho zibhidi zingacelwanga zifunyenweyo ngeli xesha liphantsi kovavanyo
2. **Bonisa ukuba ngaba iinkqubo zeSCM kunye neenkqubo ezikhoyo zimi bume ukuthintela inkcitho engaqhelekanga**
  - Ewe, kukho iinkqubo ezikhoyo.
3. **Imingeni efunyenwe kwiSCM kunye nendlela eyasonjululwa ngayo**
  - Akukho mingeni ifunyenweyo kulo nyaka uphantsi kovavanyo/singaye.
4. **Izipho kunye neMinikelo efunyenwe ngobubele kumaqela anganxulumananga**
  - Jonga kwiCandelo F, kwiSihlomelo 1E
5. **Ukukhululwa kunye nokutenxa okufunyenwe kwi-Ofisi kaNondyebo weSizwe**
  - Akukho kukhululwa kwi-PFMA okanye i-TR nakususwa ukusuka kwizinyanzeliso zengxelo yezezimali ezifunyenweyo kunyaka-mali esingaye okanye odlulileyo ezingaxelwa.
6. **Iziganeko emva komhla wokunika ingxelo**
  - Akukho ziganeko emva komhla wokunika ingxelo ezinokuxelwa
7. **Quka uqikelelo lefuthe lezezimali yee-iventi ezilandelayo ezingatshintshiyo okanye ingxelo ethi oloqikelelo alunokwenziwa**
  - A/N
8. **Okunye**

Naziphi na ezinye izinto eziphathekayo okanye iimeko, ezinokuthi zibe nefuthe ekuqondweni kwemeko yezemali, engaqwalaselwanga kwenye indawo kule ngxelo.

  - A/N



**IGosa elinika ingxelo  
Mnu Graham Paulse  
31 EyeThupha 2023**



## 5. iNkcaza yothatho xanduva nobungqina bokuchaneka kwengxelo le yarhoqo ngonyaka

Ngokholo nolwazi lwam luphelele, ndingqinisisa oku kulandelayo:

Lonke ulwazi nomyinge wemali othe wakhankanywa kuyo yonke lengxelo yarhoqo ngonyaka u(lu)yalandeleleka.

- Le ngxelo yarhoqo ngonyaka iphelele, ichanekile kwaye akushiyelelwanga nto
- Ingxelo yarhoqo ngonyaka ithe yalungiswa ngokwesikhokelo sengxelo yarhoqo ngonyaka njengoko sikhutshiwe ngunongxowa kazwelonke.
- Inkcaza yarhoqo ngonyaka yezezimali (Icandelo E) ithe yenziwa ngokwemigangatho ehlaziyiweyo yemali kunye nemigaqo nkqubo efanelekileyo nezikhokelo ezikhutshiweyo ngunongxowa kazwelonke.
- Ligosa elinika ingxelo elinoxanduva ekulungisweni kweengxelo zarhoqo ngonyaka zezezimali kwakunye namahlongwane ahlatywa kulo olulwazi.
- Igosa elinika ingxelo linoxandava lokumisela nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi ethe yakhiwa ukuze inike isiqinisekiso esivakalayo malunga nengqibelelo nentembeko yolwazi ngentsebenzo, ulwazi ngezengqesho kwakunye neengxelo zarhoqo ngonyaka zezezimali.
- Abaphicothi bangaphandle bakholo ukuze banike uluvo oluzimeleyo kwiingxelo zarhoqo ngonyaka zezezimali.

Ngokoluvo lwam, ingxelo yarhoqo ngonyaka ngokungenamkhethe iyazibonakalisa iinkqubo, ulwazi ngentsebenzo/ izinga lokuzimisela, ulwazi ngezengqesho kunye nemiba yezezimali zesebe kunyaka mali ophela 31 Matshi (EyoKwindla) 2023.

Owenu Othembekileyo



IGosa elinika ingxelo  
Mnu Graham Paulse  
31 EyeThupha 2023

## 6. Isakhiwo esinobuchule

### 6.1 UMBONO

Kukusebenza njengeqela elinako neliguqu-guqukayo livelisa/ libeka oomasipala kwisakhono sokukhokelwa ngokukuko ukuze banikezele ngeenkonzolo kuluntu ngendlela apha ephendula ngqo kwizidingo, ezinzileyo nedibeneyo.

### 6.2 UMSEBENZI

Ukubeka esweni, ukulungelelanisa nokuxhasa oomasipala ukuze ibengabasebenzayo/ abanako ukufezekisa/ phumeza izigunyaziso zabo zophuhliso/ zokuphuhla ze kuquzelelwe unikezelo ngeenkonzolo nokomelela kwintlekele ngobambiswano namasebe karhulumente kunye namaqabane entlalo.

### 6.3 IZISEKO ZOMBONO

Iziseko zombono zesebe ngumcephe ucandiwe nezo zintandathu zephondo, ezizezi:

- Inkathalo,
- Ukubanendima,
- Ukuthabatha uxanduva,
- Ingqibelelo,
- Ukuphendula ngqo izidingo, kunye
- Nokuvelisa izinto/ indlela ezintsha.

### 6.4 IMITHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

#### 6.4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Umgaqo siseko welizwe loMzantsi Afrika (1996) unikezela ngenkqubo sisekelo ebalulekileyo yokusebenza kwawo onke amasebe karhulumente. Isahluko 7 sibonisa iinjongo nezigunyaziso malunga norhulumente wengingqi. Ezi zigunyaziso zesebe zilandelayo zingahluzwa koku:

- Ukuvelisa oomasipala abahambiselanayo nemithetho yelizwe;
- Ukuxhasa nokuqinisa umthamo/ isakhono soomasipala;
- Ukulawula intsebenzo yoomasipala ngokwemisebenzi yabo edweliswe kwishedyuli yesine ne yesihlanu kumgaqo siseko weli;
- Ukungenelela xangaba kukho umthetho ongafezekiswayo, ongasetyenziswayo, ulawulo okanye isibophelelo sezezimali; ze ibe
- Ukukhuthaza urhulumente wengingqi ophuhlayo.

### 6.4.2 Izigunyaziso zomthetho

Ingxelo karhulumente enika ulwazi (white paper) kurhulumente wengingqi (1998) kunye nephakeji yeminye imithetho elandela nezalana (nayo)lowo (eboniswe apha ngezantsi) zinika umxholo welizwe koorhulumente bengingqi kwizwe lonke.

Inani	Umthetho	Isi(zi)gunyaziso
<b>A</b>	Urhulumente wengingqi: Umthetho kamasipala wezemida Act, 1998 (Act 27 of 1998)	Lomthetho ubonelela Lomthetho uquka/ ubonelela kuwo <ul style="list-style-type: none"> <li>Ikhraytheriya nomakulandelwe kusiko lwemida yoomasipala ngosemagunyeni ozimeleyo.</li> </ul>
<b>B</b>	Urhulumente wengingqi: Umthetho wokwakheka koomasipala Act, 1998 (Act 117 of 1998)	Lomthetho uquka/ ubonelela kuwo <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuyilwa koomasipala ngokwemfuneko emalunga nezintlu okanye uhlobo loomasipala;</li> <li>Ukuveliswa kwekhrayitheriya yokuhlulwa olona luhlu lomasipala amabamiselwe kwindawo;</li> <li>Ikcaza malunga nohlobo lomasipala elingamiselwa kuluhlu ngalunye;</li> <li>Uhlulwa-hlulo misebenzi namandla olufanelekileyo phakathi kwezintlu ngezintlu zikamasipala ; kunye no</li> <li>Ukumiselwa kweenkqubo zangaphakathi, ukwakheka, nabathwali bee ofisi zoomasipala.</li> </ul>
<b>C</b>	Urhulumente wengingqi: Umthetho weenkqubo zakwamasipala, 2000 (Act 32 of 2000)	Lomthetho uquka/ ubonelela ngoku. <ul style="list-style-type: none"> <li>Imimiselo, uhlobo, kunye nemisebenzi eyaneleyo ukuqinisekisa ukuba umasipala uqhubela phambile ekuphakamiseni uqoqosho noluntu lwasekuhlaleni;</li> <li>Ukuqinisekisa ukufikelela kwinkonzo zehlabathi ezisisiseko nezifikeleleka koluntu lonke;</li> <li>Ukuchaza ngohlobo lomthetho kamasipala, kuqukwa neengingqi eziphantsi kwawo loomasipala;</li> <li>Amandla nemisebenzi kamasipala;</li> <li>Indima yoluntu;</li> <li>Ukuveliswa komgaqo kqubo onika amandla iinkqubo zokucwangcisa, ukulawulwa kwentsebenzo, ukuhanjiswa kweenkonzo kunye notshintsho kumbutho;</li> <li>Umgaqo nkqubo wolawulo lwabantu kwindawo zokuhlala kunye nophuhliso lwezengqesho;</li> <li>Ukuxhotyiswa kwabo bangathathi ntweni , ngokuqinisekisa ukuba umasipala uvelisa iirhafu zeenkqubo nemigaqo nkqubo yolawulo lwamatyala ethathela ingqalelo izidingo zabo; ze ibe</li> <li>Kuphandwe malunga nezityholo ezayanyaniswa nobuqhophololo, ulawulo olugwenxa, urhwaphilizo/ nokungakwazi ukubeka umasipala kwinqanaba lawo lezibophezelo zezomthetho.</li> </ul>
<b>D</b>	Urhulumente wengingqi: Umthetho wolawulo mali lakwamasipala, 2003 (Act 56 of 2003) (MFMA)	Lomthetho uquka/ ubonelela ngoku <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufumana ulawulo olululo nolozinzileyo lwemicimbi yezezimali zakwamasipala namanye amaziko karhulumente kwengingqi; ze</li> <li>Ukuvelisa imigangatho nezithethe zengxowa mali yenqanaba likarhulumente wengingqi.</li> </ul>

Inani	Umthetho	Isi(zi)gunyaziso
E	Urhulumente wengingqi: Umthetho werhafu yempahla/ zakhiwo kamasipala (2004 (Act 6 of 2004) njengoko uhlaziyiwe ngokomthetho karhulumente wengingqi werhafu yepropathi kamasipala, 2014 (Act No. 29 of 2014)	<p>Lomthetho uquka/ ubonelela ngoku</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukufumana ulawulo olululo noluzinzileyo kulawulo lemicimbi yezezimali zakwamasipala;</li> <li>• Ukuvelisa izithethe nemigangatho apha ekungoyanywa ngayo ekubaleni nasekubeken'iso imiba yezezimali;</li> <li>• Ukulawula amandla kamasipala okumisela irhafu kwi propathi;</li> <li>• Ukukhutshwa kwee prepathi ezithile kwirhafu, ukuvumela oomasipala ukuba bamisele inqubo enobuntu nefikelelekayo kwabo babethekayo;</li> <li>• Ukuveliswa kwesaphulelo ngokwemigaqo kqubo yerhafu;</li> <li>• Ukunika indlela apha enobulungisa ekumiseleni amaxabiso epropathi; okokugqibela</li> <li>• Ukuvula iqonga lenkcaso nezibhenzo.</li> </ul> <p>Urhulumente wengingqi: umthetho werhafu yepropathi kamasipala wohlaziyo Act, 2014 uqale ukusebenza nge 1 July 2015.</p> <p>Umthetho lo ujolise kwi mimiselo ethile, kufakelo nakuguzulo ngenjongo zokomeleza ingxelo yepropathi, ukuthotyelwa nokumiselwa kweenkqubo neendlela ezimalunga nawo lomthetho.</p>
F	Umthetho wolawulo lwentlekele Act, 2002 (Act 57 of 2002)	<p>Lomthetho uquka/ ubonelela ngoku</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Umgaqo nkqubo wolawulo lwentlekele odibanisayo nosebenza ngokubambisana, ojolise ekunqandeni okanye ekunciphiseni umngcipheko wentlekele enokwenza umonakala omkhulu;</li> <li>• Ukuhlala kulungelwe intlekele, ukusabela ngokukhawuleza nokulwa ngokuyimpumelelo intlekele kwakunye nokulungisa izinto emva kwentlekele</li> <li>• Ukuveliswa kwamaziko oluwolo lwentlekele kwilizwe, kwiphondo nakoomasipala</li> <li>• Amavolontiya olawulo lwentlekele; kunye</li> <li>• Nezinye iziganeka ezingayanyaniswa noku</li> </ul>
G	Umthetho wolawulo lwentlekele ohlaziyiweyo Act, 2015 (Act 16 of 2015)	<p>Lomthetho uquka/ ubonelela ngoku</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukucaciswa komgaqo nkqubo ujongise ekubuyiseleni izinto kwimo yesiqhelo nasekusebenzeni kweziko lolawulo lwentlekele;</li> <li>• Ukulungelelaniswa kwendlela zokusebenza zeqonga leengcebiso zolawulo lwentlekele lelizwe ukuze zifikelele nakwiqonga lelizwe lokunciphisa umngcipheko wentlekele laseMzantsi Afrika.</li> <li>• Umbutho wokhuselo weli loMzantsi Afrika, iinkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika kunye nawaphi na amanye amalungu karhulumente ukuba ancedise ukwakheka kolawulo lwentlekele; ze</li> <li>• Ibekukuqinisa inkqubo yobiko lomngcipheko wentlekele ngenjongo zokuqinisa amandla welizwe wokunqanda intlekela.</li> </ul>
H	Inkqubo sisekelo yobudlelwane phakathi kwamasebe kaRhulumente Act, 2005 (Act 13 of 2005)	<p>Injongo yalomthetho kuku</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuvelisa ikqubo sisekelo karhulumente welizwe, urhulumente wephondo noomasipala ukuphuhlisa nokuqinisa ubudlelwane phakathi koorhulumente; ze</li> <li>• Ukunika uhlobo nendlela zokukhokhela ukuchotshelwa kweempikiswano phakathi koorhulumente</li> </ul>

Inani	Umthetho	Isi(zi)gunyaziso
I	Umthetho wokucwangciswa kwamaphandle nosetyenziso lomhlaba 2013 (Act 16 of 2013)	<p>Lomthetho</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Unika inkqubo sisekelo yokucwangciswa kwamaphandle nolawulo losetyenziso lomhlaba wasesidlangalaleni.</li> <li>• Unika ubudlelwane phakathi kocwangciso lwamaphandle nenkqubo yolawulo losetyenziso lomhlaba nezinye indlela zocwangciso.</li> <li>• Ucwangiso lwamaphandle olupuhlayo, olungenamkhethe, olunobulungisa nolufanelekileyo kwinkqanaba likarhulumente.</li> <li>• Unika inkqubo sisekelo yokuphonononga, ukulawula, nokuphendla inkqubo yezicwangciso nolawulo losetyenziso mhlaba lwamaphandle.</li> <li>• Unika inkqubo sisekelo yemigaqo nkqubo, imibandela, izithethe nemakwayanywe ngako kulawulo losetyenziso mhlaba nezicwangciso zophuhliso lwamaphandle.</li> <li>• Unika ingqwalasela nengcaciso kubugwenxa bokusetyenziswa nokulawulwa kwamaphandle mandulo</li> <li>• Ukukhuthaza ukungqinelana okukhulu nomakufanwe ekulandeleni inkqubo nothatyatho lwezigqibo ngabasemagunyeni nabanoxanduva kwizigqibo zosetyenziso nophuhliso lomhlaba.</li> <li>• Ubonelela ngokukuveliswa, ukusebenzi, nendlela yokusebenza ye linkundla Zocwangciso zikaMasipala (iinkundla zokucwangciswa koomasipala).</li> <li>• Ilawula imfundiso nokumiselwa kosetyenziso mhlaba nomyinge wophuhliso.</li> </ul>

### 6.4.3 Eminye imithetho kaRhulumente wengingqi

Ukongeza kwizigunyaziso/ zibophelelo zesebe zomgaqo siseko, isebe lorhulumente wengingqi likhokelwa zezinye iziqwengana zeminye imithetho, ezizezi:

- Umthetho weenkonziso zezicima mlilo Act, 1987 (Act 99 of 1987);
- Umthetho welizwe wemililo yamadlelo namahlathi Act, 1998 (Act 101 of 1998);
- Umthetho woququzelelo lophuhliso Act, 1995 (Act 65 of 1995);
- Umthetho wohlaziyo lwemithetho karhulumente wengingqi Act, 2008 (Act 19 of 2008);
- Umthetho weNtshona Koloni wochako lomasipala Act, 2000 (Act 9 of 2000);
- Umthetho wentlawulo yabathwali bee-ofisi zoluntu Act, 1998 (Act 20 of 1998);
- Umthetho wenyweba nokomelela kooceba weNtshona Koloni Act, 2011 (Act 2 of 2011);
- Umthetho wokhuseleko lwabathengi Act, 2008 (Act 68 of 2008); and
- Umthetho wokubeka iso nokuxhasa oomasipala weNtshona Koloni Act, 2014 (Act 4 of 2014).

### 6.4.4 Imithetho enqamlezileyo

Ikhonkco lezinyanzeliso zemithetho enqamlezileyo yolawulo inefuthe kwindlela yokusebenza kwesebe kwimisebenzi yalo eyahluka-hlukeneyo, eyile:

- Umthetho weenkonziso zoluntu, 1994 (Act 103 of 1994) kunye nowemimiselo yeenkonzo zoluntu luka ka 2000;
- Umthetho wolawulo lwezezimali zasesidlangalaleni Act, 1999 (Act 1 of 1999) kunye nemimiselo kanongxowa kazwelonke;
- Umthetho wolwahlulo lwengeniso lonyaka Act;
- Umthetho wophuhliso lwezakhono Act, 1998 (Act 97 of 1998);
- Umthetho werhafu yezakhono, 1999 (Act 9 of 1999);
- Umthetho wolingano kwezengqesho Act, 1998 (Act 55 of 1998);
- Umthetho wobudlelwane babasebenzi Act, 1995 (Act 66 of 1995);
- Umthetho weemeko zokusebenza ezisisiseko Act, 1997 (Act 75 of 1997);
- Umthetho wempilo nokhuseleko lwasemsebenzini Act, 1993 (Act 85 of 1993);
- Umthetho wonyulo lakwamasipala Act 2000, (Act 27 of 2000);

- Umthetho wokukhuthaza ufikeleleko lolwazi Act 2000, (Act 2 of 2000);
- Umthetho wokukhuthaza ukulingana nokuthintela ucalu-calulwano Act, 2000 (Act 4 of 2000);
- Umthetho wokukhuthazwa kobulungisa kulawulo Act, 2000 (Act 3 of 2000);
- Umthetho weenkonzelo zelizwe zogcinompepha nezeerekhodi woMzantsi Afrika Africa Act, 1996 (Act 43 of 1996);
- Umthetho weenkonzelo zogcino mpepha nezeerekhodi zephondo weNtsona Koloni Act, 2005 (Act 3 of 2005).

#### 6.4.5 Izigunyaziso zomgaqo nkqubo karhulumente wengingqi

Oku kulandelayo kunikezela ngomgaqo sisekelo kumgaqo-nkqubo karhulumente wengingqi:


- Inxelo karhulumente enika ulwazi kurhulumente wengingqi (white paper ) 1998;
- Icebo likarhulumente lelizwe lokuguqula izinto loorhulumente bengingqi, 2009;
- Icebo elichasene norhwaphilizo koorhulumenete bengingqi, 2006;
- Umgaqo nkqubo weenkonzelo zamahala ezisisisekelo 2000/01;
- Umgaqo sisekelo wendima yoluntu lwasesidlangaleni kwilizwe 2007; kunye
- Isicwangciso sesizwe sobuyela kwizinto ezisisiseko, 2014.

#### 6.4.6 Ezinye izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

Umsebenzi karhulumente wengingqi kwakhona uyachaphazeleka zezizibophezelo zemigaqo nkqubo zilandelayo:

- Ukumiselwa kweezithili ezihlangeneyo nendlela yedolophu enkulu
- Isicwangciso sophuhliso selizwe (umbono ka 2030);
- Uphuhliso lwezakhono lwelizwe, 2030;
- Izinto eziza kuqala zikhuthazwa ngumbono weNtsona Koloni
- Inkqubo sisekelo yolawulo lwentlekele lwaseNtshona Koloni 2010;
- Imimiselo yeBatho Pele;
- Inkqubo sisekelo yomgaqo nkqubo karhulumente, inkqubo yokubek'iso gabalala kunye novavanyo 2007;
- Inkqubo-sikhokelo yoMzantsi Afrika yoQinisekiso loMgangatho woBalo, yowama-2007;
- Umbono wophuhliso lwamaphandle welizwe, 2002;
- Inkqubo sisekelo yophuhliso lwamaphandle ephondo, 2014;
- Inkqubo sisekelo yolawulo lwentlekele yelizwe, 2005;
- Isicwangciso Sokulungisa saseNtshona Koloni, 2021; kunye
- Namacebo Okwandisa Amathuba Engqesho eNtshona Koloni, 2023.

### 6.5 Ukwakheka kwesebe







ICANDELO

**B**

**ULWAZI  
NGENTSEBENZO**

## 1. Ingxelo yomphicothi zincwadi jikelele: linjongo ezimiselwe kwangaphambili

UMphicothi-zincwadi Jikelele akazange anike ingxelo ngezinto ezifunyanisiweyo kwiNgxelo yoMsebenzi yoNyaka malunga nokuba luncedo nokuthembeka kolu lwazi, nceda ujonge iNgxelo eneenkcukacha kwiSigaba/Candelo F: Amaphepha 131 - 137.

## 2. Amagqabantshintshi ngentsebenzo yesebe

### 2.1 IMEKO YONIKEZELO-NKONZO

#### Inkxaso ngakurhulumente wengingqi ukuqinisekisa utshintsho olugudileyo emva koNyulo looRhulumente baseKhaya/ngingqi ngowama-2021

Umthetho weLocal Government Municipal Systems Act ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000) umisela ukuba ikhontrakthi yengqesho yoMphathi kaMasipala kufuneka ibe yeyexesha elimiselweyo elingahlaziyekiyo ukuya kuthi ga kwiminyaka emihlanu, lingagqithi ixesha eliphela kunyaka omnye emva koko. unyulo lwebhunga elilandelayo likamasipala Ngeli xesha liphantsi kovavanyo, iSebe libonelele ngenkxaso nesikhokhelo sezomthetho ngokunxulumene nemimiselo yowiso-mthetho efanelekileyo enxulumene nokuzaliswa kwezikhundla zolawulo oluphezulu kunye nokuncedisa oomasipala ekuququzeleleni ukuthunyelwa kwemisebenzi Oku kube nesiphumo sovavanyo lwamashumi amathathu anesixhenxe (37) oqesho lwabaphathi abaphezulu ukuze kuthotyelwe imimiselo yomthetho.

Amanye amabhunga omanyano kamasipala atshintshile, okubangele ukungazinzi koomasipala abathile, nangona kunjalo, ngamaphulo awo okubeka iliso nenkxaso, iSebe lithomalalise impembelelo yoko.

Uvavanyo lokuxilonga luye lwenziwa ukuphonononga iziCwangciso zeNkxaso zeCandelo le-154 kuMasipala waseKannaland nowaseBeaufort West. Injongo yayikukuqinisa ulawulo, ulawulo kunye nemiba yonikezelo lwenkonzo equlathwe kwisiCwangciso sokuBuyiselwa kweMali. Isicwangciso siya kuphunyezwa ngo-2023 xa sifumana iziGqibo zeBhungakwaye ibekwe ilisokwinkqubela yamaxesha ekuvunyelwene ngawo. Ngokusekelwe kwizicelo, iziCwangciso zeNkxaso ziye zaphononongwa, zaze zaphunyezwa ukujongana nemingeni ethile echongwe ngooMasipala basePrince Albert, eLaingsburg, eCederberg, eMatzikama, eBreede Valley, eWitzenberg, eLangeberg, eCape Agulhas, e-Overstrand, e-Overberg, eSwellendam naseTheewaterskloof.

ISebe, lisebenzisana neSebe loLawulo lweNtsebenziswano kunye noMbuthe woRhulumente baseKhaya baseMzantsi Afrika (SALGA) eNtshona Koloni, libonelele ngenkxaso koomasipala ukuqinisekisa ukulungela ukuphunyezwa kweMigaqo neZikhokelo zaBasebenzi bakaMasipala kuRhulumente weNgingqi, iCandelo 72, elifundwa ngokusebenzisana neCandelo le-120 loMthetho weNkqubo zikaMasipala kuRhulumente weNgingqi, ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000), njengoko ubhengezwe nguMphathiswa woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli ngomhla wama-20 kuSeptemba 2021 kunye neSetyhula ye-12 ka-2022, eyandisa ukuphunyezwa kweSahluko sesi-2 nese-4. ukuya kumhla woku-1 kuJulayi 2023:

Ngokumalunga noku iSebe:

- Iindibano zocweyo zoqhelaniso eziququzelelweyo ezijolise kwizahluko ezithile, ukuvumela amagosa karhulumente wasekhaya ukuba abandakanyeke ekutolikweni nasekuphumezeni imingeni echongiweyo;
- Ukuyilwa koXwebhu lwemibuzo esoloko ibuzwa (uxwebhu lwe-FAQ) ukuze kuboniswane, injongo kukuqinisekisa ukutolikwa okungaguqukiyo kweMigaqo yaBasebenzi bakaMasipala kunye neziKhokelo kunye nokwenza ukuba kube nendlela efanayo kubo bonke oomasipala beNtshona Koloni; kwaye
- Iqela lonxibelelaniso loqeqesho lweSebe liyaqhubeka nokuxhasa oomasipala ngokuphunyezwa kophicotho lwezakhono.

Isebe ligcina izenzo ezilungileyo ekubekeni iliso nasekuxhaseni oomasipala ukuqinisekisa ukuthotyelwa koMthetho weRhafu yePropati kaMasipala (MPRA). Ukuza kuthi ga ngoku, kunyaka wesithandathu olandelelanayo, kuye kwafunyanwa ukuvunywa kweSebe loLawulo lweNtsebenziswano. Abanye oomasipala baseMpuma Koloni baye badibana neSebe ukuba lithathe inxaxheba kwiQela eliGxinileyo leMPRA, ukuze batshintshiselane ngemisebenzi emihle.

ISebe liqalise ngoQeqesho loBuchule boBuchule bukaMasipala (MMC) kooCeba abangama-20, kugxilwe okokuqala kwiKomiti yee-Akhawunti zoLuntu kaMasipala (MPAC), amalungu eKomiti kaSodolophu (MAYCO) kunye nooSihlalo bePotfoliyo kubo bonke oomasipala baseNtshona Koloni. Injongo yayikukuphakamisa ulwazi kunye nezakhono zooCeba ukuze bafezekise ukongamela kwabo kunye nokuphucula iziphumo zophictho.

Ngobudlelwane balo ne-Hanns Seidel Foundation, iSebe liqhube iZikolo zeSithili zooCeba ezibini ezisekelwe kwisithili kwaye abaphathi bakaMasipala abaPhakathi baye batyunjwa ukuba bathathe inxaxheba kwinkqubo yeNgcebiso nokuQeqesha. Ngokumelwa kwalo kumaqonga oomasipala afanelekileyo, kwiphondo nakwisizwe, iSebe liqhubekile liqinisekisa ukuba inkxaso efunekayo iyadityaniswa koomasipala ngokubhekiselele kwiifundo zophuhliso lwezakhono. Oku kubangele ukuba oomasipala bafikelele ngakumbi kwiikharithyulam zoqeqesho zeZiko loQeqesho lePhondo.

### Ukomeleza unxibelelwano lwabemi.

Ukomeleza ukusebenza kweekomiti zeewadi, emva kwenkqubo yokusekwa, iSebe lixhase oomasipala ngoqeqesho lweekomiti zeewadi ngokunjalo nophuhliso nophononongo lweZicwangciso zokuSebenza zeeKomiti zeeWadi.

Ukongeza, oomasipala baye baxhaswa ngophuhliso kunye nohlaziyo loThatho-nxaxheba loLuntu kunye neMigaqo-nkqubo yeeKomiti zeeWadi. Inkxaso phakathi kwezinye ibibandakanya ukuchongwa kwezikhewu kwimigaqo-nkqubo efanelekileyo kunye nokulungiswa kwamacandelo athile ngokuhambelana nezilungiso kuMthetho wamaSebe ooMasipala ka-1998, malunga neekomiti zeewadi kunye nentatho-nxaxheba yoluntu, efana nexesha elimisiweyo lokusekwa kweekomiti zeewadi. kunye nendima kaSomlomo kwiikomiti zeewadi nakwiinkqubo zokuthatha inxaxheba koluntu.

Njengexalenye yokomeleza unxibelelwano phakathi kwabemi kunye nokwenza nzulu idemokhrasi kwinqanaba likamasipala, iSebe liqhube iiSeshini zeMfundo yoLuntu ngoThatho-nxaxheba loLuntu eKlaarstroom naseLeeu-Gamka kuMasipala wasePrince Albert, eKliprand naseVredendal North kuMasipala waseMatzikama naseQolweni, eNew Horizons naKwa. -uNokuthula kuMasipala waseBitou. Injongo yeeshoni zokufundisa uluntu ibingekokuxhobisa abemi kuphela ngolwazi ngamalungelo noxanduva lwabo, kodwa nokubazisa ngendima ebalulekileyo ekufuneka bayidlalile ekuphambeleni iinkqubo zokwenziwa kwezigqibo zikamasipala.

INkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loLuntu iqhubekile ukomeleza inkxaso yayo ekuphuculeni amava abantu kurhulumente. Le nkqubo idlale indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba uluntu kwiindawo ekujoliswe kuzo bayazi kwaye bekulungele ukuphendula kumaphulo ohlukeneyo okuxhobisa uluntu. Umzekelo, xa kujongwa ukubaluleka kobundlobongela obusekelwe kwisini, abaSebenzi boPhuhliso loLuntu ngentsebenziswano nabachaphazelekayo abaphambili badlale indima ephambili ekudaleni ulwazi ngobundlobongela obusekelwe kwisini eCape Winelands nakuMbindi weKaroo, oku kuquka iincoko ezigxile kuluntu malunga nemiba yobundlobongela obusekwe kwisini. Oku kukhokelele ekubeni abantu abangaphaya kwamakhulu amane (400) abathathe inxaxheba kuqhanqalazo lokwazisa uluntu eWorcester noluthle lwabhengezwa kakhulu kumajelo osasazo loluntu noshicilelo.

### Ukomeleza iziseko zophuhliso zikamasipala

